PARLIAMENT
OF THE REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VAKALISA ULUVO LWAKHO

KWIKOMITI YEMICIMBI YESEBE LWEZAMAPOLISA NGOMTHETHO OYILWAYO WOKHUSELO LWEZISEKO ZOKHUSELEKO [B22-2017]

Kuhlatywa ikhwelo lokuba uluntu lungenise aMagalelo aBhaliweyo kwanezimvo zalo

IKomiti yeMicimbi yeSebe lwezaMapolisa imema abantu abanomdla kunye nabo bachaphazelekayo ukuba bangenise iziphakamiso ezibhaliweyo ngokubhekiselele kuMthetho oYilwayo woKhuselo lweZiseko zoKhuseleko [B22-2017]

Lo Mthetho uYilwayo ufuna:

- ukubonelela ngokuchongwa kunye nokuvakalisa izibonelelo njenge yonanto ibalulekileyo kwiziseko;
- ukubonelela ngezikhokelo kunye nemiba ekufuneka ithathelwe ingqalelo kuyo ukuqinisekisa ukuchongwa okubonakalayo kunye nokuvakalisa izibonelelo eziphambili;
- ukubonelela ngamanyathelo okumelwe abekwe kwindawo yokhuseleko, ukukhusela kunye nokuzinza kweziseko ezibalulekileyo;
- ukubonelela ngokusekwa kweBhunga leZibonelelo eziPhambili kunye nemisebenzi yalo, ukubonelela ngokulawulwa koMthetho phantsi kolawulo loMkhomishinali/Umfungisi kaZwelonke kunye nemisebenzi yoMkhomishinali/Umfungisi kaZwelonke malunga nokuhlangeneyo noMthetho;
- ukubonelela ngokusekwa kweekomiti kunye nemisebenzi yazo; ukubonelela ngokutyunjwa kunye nemisebenzi yabahloli;
- ukubonelela ngamandla okuphatha kunye nemisebenzi yabantu abalawula iziseko ezibalulekileyo zokhuseleko;
- ukubonelela ngezibophelelo zokubika;
- ukubonelela ngamalungiselelo entshintsho;
- ukubonelela ngokupheliswa koMthetho wamaZiko aPhambili eSizwe, 1980, kunye nemithetho enxulumeneyo; kunye
- nokubonelela ngemiba ehlangeneyo noko.

Iziphakamiso kufuneka zithunyelwe kwiKomiti yeMicimbi yeSebe lwezaMapolisa ithunyelwe ngqo: Nks Babalwa Mbengo, PO Box 15, Parliament of South Africa, Cape Town, 8000 kwaye kufuneka ifumaneke ngaphambi kwentsimbi yoku-13:00 ngolweSihlanu, umhla we-17 November 2017. Nceda wazise ukuba unomdla wokwenza intetho yakho ngomlomo kwiKomiti.

Malunga nemibuzo okanye ukufumana ikopi zoMthetho oYilwayo, nceda utsalele umnxeba u**Nks Babalwa Mbengo** kule nombolo yonxeba: **021 403 3741**; iSelula: **083 709 8489**; nge-imeyile: **bmbengo@parliament.gov.za**; okanye kwiwebhusayithi yePalamente eyile: **www.parliament.gov.za**

Sikhutshwe nguMnu F Beukman, iLungu lePalamente USihlalo weKomiti yeMicimbi yeSebe lwezaMapolisa